
# Ibhedana yosana kaJoseph

Libhalwe nguJude Daly

Liguqulelwe esiXhoseni nguNobuntu Stengile

Imifanekiso nguMagriet Brink



Kanye nje phambi kokuba uSisi azalwe, umoya ombi ovuthuzayo wasiphula umthi woMkhoba ekwakucingelwa ukuba uya kuma apho elalini unaphakade. Ukuwa kwaloo mthi kwachaphazela kwaye kwachukumisa wonke ubani. Abantwana babengasayi kuphinda badlale ujingi kumasebe awo nabantu abadala babengasayi kuphinda bahlale emthunzini wawo opholileyo kwingqatsini yelanga.



Kodwa, utata kaSisi, uJoseph, wayezimisele ukuba loo mthi womkhoba mdala awusayi kulityalwa waze waqalisa ukukrola ibhedana yosana kwisiqu sawo esihle.




Uthe ke akuzalwa uSisi walaliswa kwakule bhedana yosana apho wayethuthuzelwa, ashukunyiswe khona eculelwa ingonyana yokulalisa iintsana ethi, *"Thula thula, Thula bhabha, Thula sana."*




ISIXHOSA

www.nalibali.org www.nalibali.mobi nalibaliSA @nalibaliSA

Nal'ibali Konke kuqala ngebali...


4





Kuthe kungekudala kakhulu, uSisi wakhula akakwazi ukulala kule bhedana yosana yaze yadluliselwa kummelwane ukuze alalise usana lwakhe olusandul' ukuzalwa. Kwathi kanti kukuqala kwesithethe ngolo hlobo. Lonke usana olusandul' ukuzalwa kule lali lwalulaliswa kule bhedana yosana kaJoseph. Emva koko, ngononophelo olukhulu, uJoseph wayesongeza igama losana olo kuluhlu olwalusanda awayelukrola emacaleni ebhedana leyo.

5



Yathi xa ibhedana inamagama alikhulu kwaye noJoseph sele elixhego ngoku, umlilo wedlelo owawunweniswa ngumoyakazi ovuthuzayo wagubungela loo ilali. Amadoda ayesilwa namadangatye aloo mlilo lo gama abafazi babeqokelela bonke abantwana nabantu abasele bekhulile ukuze bababeke elukhuselweni. Bonke basinda ngaphandle kukaJoseph, owayesele etshe wabhubha ngexesha befika kuye. Ukufa kwakhe kwachukumisa wonke ubani.

Njengaye wonke ubani elalini, uSisi wasebenzisa ixesha lakhe esakha oko bekutshatyalaliswe ngumlilo, elungisa kwaye ecoca emva komlilo lowo. Ngoko ke kwadlula ixeshana phambi kokuba acinge ngebhedana yosana katata wakhe. Inokuba yayaphi? Ingaba kwakukho usapho olusayisebenzisayo? Kodwa kwakungekho namnye umntu eyayikuye apho elalini. Ngosizi, wagqiba kwelokuba inokuba nayo yatsha apho emlilweni. Ngoku umzukulwana kaSisi, owayezakuzalwa xa kuphinde kwaphuma inyanga epheleleyo, akasayi kulala kuyo.








Kodwa, kwilali ekufutshane naleyo yabo, usana olungunyana kaThemba lwalukhula ngokukhawuleza. Lwalusele lungakwazi ukulala kule bhedana yosana apho uThemba naye wayelala khona. Ngoko ke, okokugqibela, washuku-shukumisa unyana wakhe olele kuyo ukuze alale. Wabulela ububele bukaJoseph ngokumboleka ibhedana leyo engowenye ilali. Ngoku ke kwakufike ixesha lokuyibuyisa.



www.nalibali.org www.nalibali.mobi nalibaliSA @nalibaliSA

Konke kuqala ngebali...




Ngosuku olulandelayo, kuvakele izandi zokuyiyizela nokungqisha kweenyawo kuxhentswa, uThemba wayebuyisa ibhedana yosana, eyibuyisela kuSisi. Emacaleni ayo, kwakukrolwe amagama eentsana alikhulu elinanye kwaye kule ndawo yokubeka intloko, kwakukrolwe ngononophelo olukhulu, igama elinye kuphela … uJoseph.




Ngobo busuku uSisi wema wabukela njengokuba inyanga ephantse yaphelela inyukela phezulu esibhakabhakeni. Kungekudala usana oluzayo, isizukulwana sokuqala sikaJoseph, luza kuthuthuzelwa, lushuku-shukunyiswe luculelwe ingonyana yesintu yokulalisa iintsana kuloo bhedana yosana yomkhoba intle. *"Thula thula, Thula bhabha, Thula sana."*